Isifundo 7

**Agasti 7–13*

Uphumlo, Ulwalamano, Nempiliso

Sabatha Emva kwemini

Fundela Isifundo Sale Veki: *Gen. 42:7–20, Mat.25:41–46, Gen. 42:21–24, Gen. 45:1–15, Luka 23:34, Gen. 50:15–21.*

Indima Yenkumbulo: " 'Ngoko musani ukuba buhlungu, ningaziqumbeli, ukuba nathengisa ngam apha; kuba uThixo wandithuma phambi kwenu ukuze ndisindise abantu' " *(Gen. 45:5)***.**

Indoda ethile yatyholwa ngokuphatha kakubi ntokazi ithile ngokwesondo. Le ntokazi yakwazi ukuyalatha ngokucacileyo phambi kwamapolisa. Nangona ubungqina benza ukuba ubutyala bayo bungacaci kakuhle, le ntokazi yema yathi, "uLizo" lo nguye lo wenze oku. .

ULizo waya entolongweni, apho waqhotseka khona i-14 leminyaka ngolwaphulo-mthetho angazange alwenze. Kwaba kuphela, xa ubungqina beDNA bumkhulula, eyathi le ntokazi, u"Yoliswa," wayiqonda impazamo yakhe embi kakhulu.

Wafuna ukuhlangana noLizo emva kokuba ekhululwe. Yafuna ukuhlangana noLizo emva kokuba ekhululwe. Wayeza kuthini ngoku lo mfo, owaphatheka kakubi kangaka, xa ehlangana ubuso ngobuso nentokazi, eyonakalisa ubomi bakhe iminyaka emininzi kangaka?

Yayisegumbini, ilindele ukuba afike. Wathi akufika, bajongana ngqo emehlweni omnye nomnye, wasuka wakhala uYoliswa.

"ULizo wasuka wathoba wandibamba izandla endikhangele wathi, 'Ndiyakuxolela.' Andizange ndikholwe. Nanku umntu endamthiyayo nendadifuna kuphela ukuba afe. Kanti ngoku, nguye lo, exelela mna, owamona kangaka, ukuba undixolele? Ndaqala ngoko ukuluqonda ukuba lungantoni ubabalo. Kwaba ngelo xesha kanye endaqala ukuphila ndibe nokuphumla kwenene."

Kule veki siza kuqwalasela ukuxolela nento okunokuyenza kwiintliziyo ezingenako ukuphumla.

**Funda esi sifundo ukulungiselela iSabatha ka-Agasti 14.*

Xhosa STG 321_body A5 112pp.indd 52 2021/06/14 12:26

Ukujongana Nezenzo Ezidlulileyo

Ekugqibeleni, izinto zamhambela kakuhle kakhulu uYosefu. Akanela ukuphuma entolongweni, kodwa wenziwa inkulu-mbuso yaseYiputa emva kokuba echaze amaphupha kaFaro *(Genesis 41)*. Watshata waba nabantwana bakhe ababini *(Gen. 41:50–52)*. Oovimba baseYiputa bagcwele, yaza nendlala eyayixeliwe yaqala. Kwala, ngenye imini, abantakwabo Yosefu babuyela eYiputa.

Funda: ngokuhlangana kokuqala kukaYosefu nabakhuluwa bakhe kuGenesis 42:7–20. Kutheni le nto ubanzi umdlalo? Wayezama ukwenza ntoni uYosefu ngalo mhlangano wokuqala? ?

_____

_____

UYosefu wayenalo igunya kwaye ngewaziphindezela kubantakwabo engadingi kuzithethelela. Noko kunjalo, endaweni yokuphindezela, uYosefu uhlupheke ngamalungu osapho lwakowabo ekhaya. Ukhathazeke ngoyise. Ingaba wayesaphila, okanye ubuntlekentleke bosapho benza ukuba babe lusapho olungenayo indoda enkulu? Kunokuba kwenzeka ntoni ngomninawa wakhe, uBhenjamin? Njengolonwabo novuyo lukayise, uBhenjamin ngoku wayekwindawo enye naleyo wayekuyo uYosefu. Ingaba abakhuluwa bakhe bawugqithisela kuye, uBhenjamini, umona wabo oyingozi? UYosefu ngoku ukwisikhundla yokubazingela aba bantu basesichengeni kusapho lwakubo, kwaye wenza loo nto kanye.

Ukuphila ngokwenza imithetho-siseko yeBhayibhile kulwalamano lwethu akuzokuthetha ukuba siya kuze okanye kufuneka sikwamkele ukuphathwa dlakadlaka. Elowo nalowo kuthi uxabisekile emehlweni kaThixo. UYesu wahlawula elona xabiso liphezulu ngomntu ngamnye kuthi.

Kutheni le nto uYesu ekuthabathela kuYe buqu ukuphathwa dlakadlaka okanye ukungahoywa kwabanye? Funda: Mateyu 25:41–46.

_____

_____

Sonke sithengiwe ngegazi likaYesu, ngoko ke, sonke singabaKhe ngokusemthethweni. Nabani na ophatha kakubi omnye uhlasela impahla kaYesu.

Ukuphatha kakubi ngokwesondo nemvakalelo okanye ukudlakaza umzimba akufuneki zize zibe yinxalenye yokuphathana kosapho. Lo asingumcimbi nje wasemfihlakalweni wosapho ukuba ungalungiswa apho. Oku kuyaludinga uncedo nongenelelo lwangaphandle. Ukuba wena okanye omnye ekhaya uphethwe dlakadlaka, nceda funa uncedo kwabaqeqeshelwe oko nabathembekileyo.

Yeyiphi imithetho-siseko yeBhayibhile odinga ukuyisebenzisa kulo naluphi ulwalamano olunzima ojongene nalo ngoku ekhayeni lakho?

Xhosa STG 321_body A5 112pp.indd 53 2021/06/14 12:26

Ukulungisa Inkundla Yomdlalo

UYosefu ubaxolele abantakwabo. Asazi kanye ukuba uYosefu ubaxolele nini, kodwa kwakucacile ukuba kwakungaphambili kakhulu kokuba bafike. UYosefu kungenzeka ukuba ngewayengazange akhule abe mkhulu eYiputa ukuba wayengaxolelanga kuba, kwakunokwenzeka ukuba, umsindo nobukrakra zizinto ezaziya kuwudla umphefumlo wakhe zilonakalise ulwalamano lwakhe noYehova.

Izifundo ezininzi ezingabasinde kwiintlekele abangcungcuthekiswa ngazo ngabanye zibabaze into yokuba kumaxhoba okona kubulaleka koyikekayo, ukuxolela sesona sitshixo sokuzuza ukunyangeka nokubuhlanganisa kwakhona ubomi babo. Ngaphandle kokuxolela, sihlala singamaxhoba. Ukuxolela kunento yokwenza nathi ngaphezu komntu okanye abantu esibonileyo.

Nangona uYosefu ebaxolele abantakwabo, akathandi ukuba ulwalamano losapho luqalele apho lwalushiywe khona; oko kukuthi, kumhadi ongenamanzi waseDothan. Kufuneka aqiniseke ukuba ikho into eguqukileyo.

Yintoni uYosefu ayive ithethwa ngasese? Funda: Genesis 42:21–24. Ufunda ntoni ngabantakwabo?

_____

_____

Lonke uthethwano lube lusenzeka ngobukho boguqula intetho, ngoko ke, abakhuluwa bakaYosefu abaqonda ukuba uyakuva abakuthethayo [ngolwabo ulwimi]. UYosefu uyakuva ukuvuma ityala kwabakhuluwa bakhe. Abakhuluwa babecinga ukuba ngokumsusa uYosefu, babeya kukhululeka ekuxelweni kuyise wabo. Babecinga ukuba abayi kudinga ukuba bamelane namaphupha wakhe okanye onwabele indawo yokuba yintandane kayise wabo. Endaweni yokuba bazuze ukuphumla, basuka bathwaxwa sisazela esinetyala iminyaka yonke engekho. Kususela ngoko, isenzo sabo sabenza abaphumla, banoloyiko olubulalayo lwempindezelo kaThixo. UYosefu ngoku uyabavela kwintlungu yabo. Uyabalilela.

UYosefu uyazi ukuba indlala iza kuqhuba iminyaka eliqela, waza wanyanzelisa ukuba beze noBhenjamin kwixa elizayo besiza kuthenga ukudla. *(Gen. 42:20)*. Waya wamgcina uSimon ethinjiwe *(Gen. 42:24)*.

Akuba embonile ukuba usaphila uBenjamin, walungisa isidlo apho wayeza kubonisa khona uthando olulodwa kuBenjamin *(Gen. 43:34)* khon' ukuze abone ukuba usaqhuba na umona omdala? Abantakwabo ababonisi zimpawu zamona, kodwa uYosefu uyayazi indlela abanobuqhopholo ngayo. Ngapha koko, bawukhohlisa wonke umzi *(Gen. 34:13)*, ngenxa yoko ucinga ukuba basenokuba baxokile kuyise wabo ngesiphelo sakhe *(Gen. 37:31–34)*. Ngoko ke, waceba olunye uvavanyo olukhulu. *(Bona uGenesis 44.)*

Funda: Genesis 45:1–15. Oku kusixelela ntoni ngendlela awayeziva ngayo uYosefu ngabakhuluwa bakhe kwakunye noxolelo abanike lona? Zifundo zini esifanele kuzifumanela zona thina kweli bali?

Xhosa STG 321_body A5 112pp.indd 54 2021/06/14 12:26

Xolela Ulibale?

Ukuxolela kuye kwachazwa njengokuba nentumekelelo ukuncama ilungelo lentiyo, nokugweba, nokuphindezela kulowo wonileyo okanye kwiqela elizenzo zalo zingalunganga. UDr. Marilyn Armour, umnyangi wosapho owasebenza nabaphuncuka kwindyikitya yokubulawa kwamaYuda ukuze afumane ukuba yintoni abayenzayo abo basindayo ngokuzama ukuqonda ukuba kwenzeka ntoni kubo, ubhala athi: "Iyonke nje ingcamango yokuxolela isisenzo esenziwa lixhoba ngabom lisezingqodweni. Asinto esuka izenzekele nje."

Ukuxolela akuthethi ukuba aziyi kubakho iziphumo. Ukuxolela akuthethi ukuba ophatha dlakadlaka makayekwe aqhubeke nempatho yakhe edlakadlaka. Endaweni yoko, ukuxolela kuthetha ukuba sinikela intiyo yethu nokulangazelela kwethu impindezelo kuThixo. Ukuba akunjalo, umsindo, ubukrakra, ukucekisa nentiyo konke kuya kwenza ukuba, nokuba yintoni eyenziwe kuthi ngomnye umntu iya iba mbi kakhulu.

Ukuxolela abanye kusenzela ntoni thina? Cingisisa uMateyu 18:21–35.

_____

_____

Ngaphandle kwamathandabuzo, esinye sezitshixo ekufundeni ukuxolela kukuqonda ukuba siye saxolelwa kuKristu. Sonile sonke, kungekuphela ngakwabanye abantu kodwa nangakuThixo.

Sonke isono, ngokwenene, sisono ngakuYehova noMenzi; kanti ke, kuYesu, sinako ukubanga ukuxolelwa okupheleleyo kuzo zonke ezo zono, kungekuba sikufanele oko—asikufanelanga—kodwa kuphela ngenxa yobabalo lukaThixo ngakuthi. Ngako nje ukuba siyibambe loo nyaniso ingcwele nebalulekileyo, ngako nje ukuba sikwenze oku kuxolelwa kube kokwethu, ngako nje ukuba singabuva ngaphakathi kwethu ubunyaniso bokuxolelwa nguThixo, singaqala ukuncama konke sibaxolele abanye. Siyaxolela, kungekuba abanye bakufanele kodwa kuba yinto esiyizuzileyo kuThixo nento esiyidingayo nathi. Ngaphandle koko, sikudinga kangaphi ukuxolelwa, nathi.

Njengoko sibonile, uYosefu wabunika ithuba lesibini ulwalamano losapho. Akukho nqala apha; akukho kubuyela emva kwizinto ezenzeka kwixesha eladlulayo.

Kuye kuphantse ukungenzeki ukuba kuqalwe kwakhona [ukudlelana] elusatsheni xa kufundwe ubuchule bokwenzana buhlungu. Kanti ke, asiyiyo leyo indlela awaphindisa ngayo yena uYosefu. Ukhangeleka efuna ukukubeka qelele kubo okwadlulayo abheke phambili ngothando nokwamkela. Ukuba uYosefu wayenengqondo eyahlukileyo, eli bali beliya kuba nesiphelo esahlukileyo, esingonwabanga ngolo hlobo.

" 'Banoyolo abazigqitho zixolelweyo, abazono zigutyungelweyo; inoyolo indoda eya kuthi iNkosi ingakhe ibalele sono kuyo' " *(Roma 4:7, 8)***. Usixelela ntoni uPawulos ngoko sikunikiweyo kuYesu nokuba esi sithembiso singumangaliso singaba negalelo kwindlela esalamana ngayo nabo basenze buhlungu?**

Xhosa STG 321_body A5 112pp.indd 55 2021/06/14 12:26

Ukwenza Into Ebonakalayo

Ukuze ndixolelwe, kufuneka ndivume ukuba ndoniwe. Kusenokuba nzima ukukwenza oku, njengoko, ngamanye amaxesha, sikekelela kakhulu ekuzameni ukuzingcwaba iimvakalelo zethu kunokuba sisebenze ngazo. Ukuvuma iimvakalelo zentiyo ezingezizo ezobuKristu kanjalo nomsindo phambi kukaThixo kulungile. Sikubona oku kukholisa ukuba kuthethwe ngako kwiiNdumiso. Ndinokuziva ndikhululekile ukuxelela uThixo ukuba andiyithandanga into eyenzekileyo okanye indlela endiye ndaphathwa ngayo kwaye loo nto indenza ndibe buhlungu okanye ndibe nomsindo okanye konke kuhlangene.

Ebalini likaYosefu, simbona ekhala xa ephinda ebona abakhuluwa bakhe aze akhumbule ezinye zeemvakalelo zakhe zexesha eladlulayo.

Ukukhala kukaYesu emnqamlezweni kusixelela ntoni ngexesha lokuxolela? Funda: Luka 23:34.

_____

_____

UYesu akazange asilindele ukuba sicele ukuxolelwa kuqala. Asidingi ukuba silindele abo basonayo ukuba bacele uxolo. Sinokubaxolela abanye ngaphandle kokuba sibalindele ukuba balwamkele uxolo lwethu.

ULuka 6:28 noMateyu 5:44 basifundisa ntoni ngendlela esihlobana ngayo nabo basenza buhlungu?

_____

_____

Ukuxolela, njengothando, kuqala ngokukhetha kunokuziva okanye kunemvakalelo. Singakhetha ukuxolela, nokuba iimvakalelo zethu azivumelani nesi sigqibo. UThixo uyazi ukuba ngawethu amandla oku kukhetha akunako ukwenzeka, kodwa "zonke izinto zinako ukwenzeka kuye uThixo" *(Marko 10:27)*. Kungoko kuthiwa masibathandazele abo basenza buhlungu. Kwezinye iimeko, lo mntu unokuba sele efile, kodwa sisenako ukuthandazela ukuba sikwazi ukumxolela. Ngaphandle kokuthandabuza, ukuxolela akusoloko kulula. Intlungu nomonakalo owenziwe kuthi unokuba uyonakalisa, usishiya siqhwalela, silimele, saphukile. Impiliso iya kuza, xa siyivumela, kodwa ukubambelela kubukrakra nomsindo nentiyo kunokwenza ukuba impiliso ibe nzima kakhulu, ukuba iyenzeka.

Umnqamlezo ungowona mzekelo mhle woko kwamdla kona uThixo ngokwaKhe ukuxolela thina. Ukuba iNkosi yangena kokungako ngenxa yethu, nangona yayisazi ukuba abaninzi babeza kuyala, phofu, ngokuqinisekileyo nathi sinako ukufunda ukuxolela.

Ngubani odinga ukumxolela—nokuba akungemncedi nganto, kodwa ngenxa yokwakho ukuncedakala?

Xhosa STG 321_body A5 112pp.indd 56 2021/06/14 12:26

Ukuba Nokuphumla Emva Kokuxolelwa

Usapho lwekhaya likaYosefu ekugqibeleni lwafika eYiputa. Akusekho zinto zifihlwayo ngoku elusatsheni. Kunokuba abakhuluwa bakhe bavuma ukuba bamthengisa uYosefu xa babechazela uyise wabo ukuba unyana awayecinga ukuba wabulawa ngoku uyinkulumbuso yaseYiputa.

Nangona ingenakuhlala isenzeka okanye ibubulumko ukubuyisela ulwalamano, oku akuthethi ukuba asinako ukuxolela. Sisenokungakwazi ukuwolana sikhale nabo basonayo, kodwa singafuna ukukuxela ukuxolela kwethu nokuba kungelizwi okanye ngeleta. Emva koko kuye lixesha lokwahlukana nentlungu kakhulu kangangoko sinako. Mhlawumbi enye intlungu iya kusoloko ikho, kodwa noko sinokuba sendleleni yokuphila.

Funda: Genesis 50:15–21. Bebekhathazwa yintoni abakhuluwa bakaYosefu, iyintoni unobangele yokuba ibakhathaze? Luthetha ntoni olu loyiko ngeziqu ngabo?

_____

_____

Abakhuluwa bakaYosefu babehleli eYiputa ishumi elinesixhenxe leminyaka *(Gen. 47:28)*, kanti kunjalo, wathi xa esifa uYakobi, boyika hleze uYosefu aziphindezele. Baphinda bayiqonda indlela abamvisa kabuhlungu ngayo uYosefu. UYosefu waphinda wabaqinisekisa ngokubaxolela kwakhe, nangoku emva kokufa kukayise. Oku kuhlaziya kunokuba kwakulungile kuYosefu, nakubakhuluwa bakhe.

Xa inxeba linzulu, kunokwenzeka kufuneke ukuba sixolele kaninzi. Xa iingcinga zokoniwa zifika engqondweni, siya kudinga ukuya kuThixo ngomthandazo kwangoko size sikhethe ukuxolela kwakhona.

Funda: Genesis 50:20. Le ndima isinceda njani ekuchazeni, noko kukancinane, intumekelelo kaYosefu ukuxolela isono sabantakwabo ngakuye??

_____

_____

UYosefu wakholelwa ngokuqinileyo ukuba ubomi bakhe babuyinxalenye yecebo elikhulu elipheleleyo likaThixo lokunceda ihlabathi elalisaziwa ngelo xesha kwindlala, kwakunye nosapho lwakhe ukuba luzalisekise isithembiso sikaThixo sokuba luhlanga olukhulu. Ukwazi ukuba uThixo wongamele ekulawuleni amacebo amabi abantakwabo ukuze kuvele okulungileyo kwamnceda uYosefu ukuba axolele.

Ibali likaYosefu laba nesiphelo esimnandi. Sisabela njani xa isiphelo sebali singemnandi kangako? Okanye, omnye angaxoxa athi (lixesha elide elo) ngesiphelo sesono nembambano enkulu, xa yonke imicimbi isonjululwe—iya kuba sisiphelo esimnandi? Eli themba lingasinceda njani ekuphatheni iziphelo ezinganeno koko kufanelekileyo?

Xhosa STG 321_body A5 112pp.indd 57 2021/06/14 12:26

Ingcamango Eyongeziweyo: "Njengoko uYosefu wathengiswa kubahedeni ngabantakwabo, ngokunjalo uKristu wathengiswa kwezona ntshaba zaKhe zinkulu ngomnye wabafundi baKhe. UYosefu watyholwa kuxokwa wagityiselwa entolongweni ngenxa yokuziphatha kwakhe kakuhle; ngokunjalo noKristu wadelwa, walahlwa ngenxa yobomi baKhe obulungileyo, nobuzincamayo obabusisigculelo kwisono; kwathi, naxa engenabutyala lakona, wagwetywa ngobungqina bamangqina angamaxoki. Ukunyamezela nobulali bukaYosefu phantsi kokungabikho kobulungisa kunye nokucinezelwa, ukulungela kwakhe ukuxolela nobubele bakhe obunembeko ngakubantakwabo abahamba nxamnye nemvelo, kumele ukunyamezela koMsindisi, ngaphandle kokukhalaza, inkohlakalo nokuphathwa kakubi ngabantu abakhohlakeleyo, nokuxolela kwaKhe, kungekuphela abo babembulala, kodwa bonke abeza kuYe bezivuma izono zabo befuna ukuxolelwa."—Ellen G. White, *Amanyange Nabaprofeti*, amaph. 239, 240.

"Ayikho into enokuthethelela ngeliti ulungile umoya ongaxoleliyo. Ongenanceba ngakwabanye ubonisa ukuba yena ngokwakhe akananxaxheba kubabalo lukaThixo oluxolelayo. Ekuxoleleni kukaThixo, intliziyo yowonayo isondezwa kwintliziyo enkulu yoThando olungenaMda. Umsinga wemfesane kaThixo uqengqelekela kumphefumlo womoni, uze usuke kuye uye kwimiphefumlo yabanye. Uthando nenceba uKristu azityhile kobaKhe ubomi obunexabiso ziya kubonwa kwabo babelana nabanye ngobabalo lwaKhe."—Ellen G. White, *Christ's Object Lessons*, iph. 251.

Imibuzo Yokuxoxwa:

❶ Omnye wathi, "Ukungaxoleli kufana nokutya ityhefu lo gama uthembe ukuba kuya kufa lo omnye umntu." Ithetha ukuthini le ntetho?

❷ Yayiyintoni injongo yawo onke amacebo abanzi awaphumela kuwo uYosefu ngaphambi kokuba aziveze ukuba ungubani? Kwamenzela ntoni oku yena nabantakwabo?

❸ Igosa likaYosefu linokuba lalikho kwamanye amacebo angabakhuluwa bakaYosefu *(umzekelo, Gen. 44:1–12)***. Ingaba amava okuxolela abachukumisa njani abo ababengababukeli nje kuphela?**

❹ "UThixo akaze abakhokele abantwana baKhe ngenye indlela kunaleyo bebeya kuyikhetha, ukuba bebenokubona isiphelo kwasekuqaleni, baze babuqonde ubuhle benjongo abayizalisekisayo njengabasebenzi kunye naYe."—Ellen G. White, *Ulangazelelo Lwamaphakade*, amaph. 224, 225**. Cinga ngobakho ubomi ngexesha ucamngca ngale ntetho. Ukukuqonda oku bekungasinceda njani ukuba siphumele kwizilingo ezininzi namadabi esijongene nawo?**

Xhosa STG 321_body A5 112pp.indd 58 2021/06/14 12:26